

# Imvo Zabantsundu.

Authorized Medium

IXABISO 3d.]

Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, APRIL 18, 1888.

[No. 179.]

Basandukufikelwa yimpahla eninzi ngamikombe yezo zixelwa ngentla. Banovuyo ekubizeni bonke abalesi beli pepa ukuba ke

## BAKANGELE EZIMPAHLA ZILANDELAYO.

Zizanyelayo zonke ezinye ngokulunga nobutshipu : —  
Iminqwazi, 1s 3d, 2s, 2s 6d.  
Ihempe zokusebenza, 1s 3d, 1s 6d, 1s 9d, 2s.  
Ibhulukwe ze sitofu ziqalela 3s ; Ibhaty 5s 3d.  
I suti ze Norfolk Blue Serge, 26s  
Imibhalo etshipu kakulu. I blanketete netyali zoboya.  
Ibhulukwe ze kodi, 5s 6d.  
Siyazisika ibhulukwe. Izitofu ezilula eziketiweyo ziqalela kwi 15s 6d. Zimmile kanye umntu. Ama- qina ne zi kafu.

Kweli lase ma Xoseni yiza kuzinyulela kwingubo zakwa DYER no DYER ezihleliwyo. Isuti zabafundisi ze Black Russel Cord, nezalakana, Iminqwazi yabafundisi ne kalala.

I bhaty zokwaleka zamakwenkwe, abafana, namadoda ziyaqala ukuvulwa ezimpahleni.

Kwa DYER no DYER,  
KING WILLIAMSTOWN.

## A. W. REID,

UMTENGI WENTO YONKE,

e Downing Street, King Williamstown,  
nase East London (e Monti).

Uboya begusha, nobe seyibhokwe, Intsiba ze Nciniba, Izikumba, Imfele, Inipondo, Itapile, njalo, njalo.

Utenga ngawona manani makulu ase Markeni nge CASH.

# ENDWE

KUFUNWA

Inqwelo Zokutwala Amalahle

ZIWASE E-

METELE NASE KOMANI.

18th January, 1888.

## JOHN J. IRVINE & CO.,

### ISITORA ESITSHA, Sengubo nobu Qeleqele beza Mankazana,

Ezamadoda Ihempe. 1/- 1/3, 1/6  
Ibhulukwe ze Kodi, 5/-  
Eze Twidi ibhulukwe, 4/-  
Ibati ze Twidi (iqukunjelwe yonke) 6/6  
Eze Twidi i Suti, 16/9  
Ikeleko, 2d.  
I Printi (intlobo ezintsha) 3d.  
I Linzi, 3d.  
Ityali ezinmyama, 2/-

BANTSUNDU! BANTSUNDU!! BANTSUNDU!!!

KWABATETA isi Xhosa sithi, "Posan' amehlo apa." Kwabo bateta isi Bhulu sithi, "Kyk hier zoo." Kwabo bateta ulwimi lwe Nkosazana, sithi, "Look here,"

PASCOE,

NIYA KUBONA IZIMANG-A EZININZI.

Impahla zetu zobusika zifikile, "Ityali zetu" especially ezaba Tshakazi, zihleli zodwa emhlabeni llokwe zokutshata esezitungwe, nezinokwenziwa kwofunayo. Amagqabi izigqubutelo, izihlangu (ezizitende zide), i printi, i kaliko, i linzi, eze hempe, njalo-njalo.

Yonke into efunwa ngamanene, nama nenekazi nantsi apa: Ingubo zamadoda zokutshata ezitungwe kade, nezinokwenziwa kwofunayo.—Umsiki wetu upuma pesheya e Ngilane. Ibhaty, ibhulukwe, ne suti zishipu ngenyaniso. Ihempe, i kalala, amaqhina, iminqwazi, izihlaugu, njalo-njalo. Kulapo batengwa kona onzonza.

Yizani kunqwenisa amehlo enu. Ningawalibali amagama etu : Amadoda ati ngu "SIGINGQIL." Abafazi bati ngu "SILINDI." Umteketiso, ngu "FOLOKOCO."

Inkumba yakwa Pascoe ezantsi kwetyalike yama Skotshi, apo wofika nmbone kona u Mr. FOLOKOCO ngokwake (saluf).

## UTIKOLOSHE! UTIKOLOSHE!

Utikoloshe obefuda ekwa Ngomti uyabulisa

### KUBO BOWE ABANTU,

Ebazisa ukuba sele fudukile kwa Ngomti,

### SELEVULE EYAKE IVENKILE

Ingubo, Ibhulukwe, Ityali, Zonke intwana ntwana ziko.

Ababenamatyala kwa KEEVY mabeze kurafa kuye.

Yizani kuzibonela ngokwenu!

Izikumba, uboya nantonina yizani nayo kwa Tikoloshe.

A- J. CROSS & CO.

## Ikaya Lendwendwe

LIVULIWE E-KOMANI,

NGO

UPUMLO no lwonwabo kuni inzantsundu wase Kamastone, e Hewn, e Lesseyton, e Whittlesea, e Gqili, e Transkei, kumzi wonke wakwa Hala. Izindlu nezitali zikulu.

Ngase zantsi kwe Marike, ngo-MGOIBELO, 14th APRIL, niya kufumana yonke into ilungile.

R. T. NUKUNA & CO.  
Queenstown.

## Inyama ne Zonka

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengen\_ ko

### BOURKE NO MARSH,

e Nyutawini nakwisitalato esipambi

ABABHUBHILEYO.

KOSANI.—Emgqakwebe (ka Masingata), kubhubhe, ngo-Mvulo, 9 Apil, 1888, u MOYENI M. KOSANI, cbeftudula ese Dayi mani. Abahlobo mabamkele lombiko.

ISAZISO.

NGENXA yokuba ke ubawo u AFRICA MOTAUNG efudukile apa, ukufudukela kweli ngapantsi; ndazisa zonke izihlobo zake, nabahleli bake ukuba mazenjenjalo namhla ukumbhalela, use Roidraai, Hertzog. Ndiyalwelwe nguye mna.

ISAAC MOTAUNG.

Tarkastad, 14 April, 1888.

KABAKA la gobane he ntate AFRICA MOTAUNG a feletse mona, go fallela go le ka thlase; ke tsebisa metsualle ea gae cotle le bangolli ba gae gore ba etse yualo kayeno go mongolla, o Roidraai, Hertzog. Ke laetsue ke eena mna.

ISAAC MOTAUNG.

Tarkastad, 14 'Mesa, 1888.

Umaki Ofezekileyo.

NDIYAZISA kubo bonke abantu abemi e Transkei, nakwezinye indawo ukuba ndingu Maki Ofezekileyo ngamatye nange zitena, nokuba ndibiza inani elise zantsi, nditabata nempahla ehambayo. Ondifunayo wobhala ku Mr. A. Gontahi, esi Xonxweni, Ngqamakwe.

LEVI S. MBANGE.

Tyinira,

10 March, 1888.

Ikaya Labantsundu.

U PAUL XINIWE usaliginile i "KAYA" LENU — uyazibulela izandla zenu— uhleli elngele ukunikonza ngendlela zonke (General agency)

BONISANI.

KUBIWE ihase lam apa ngobubusuku be.Cawa bahkulula likulekiwe, limi nyaka mine ubudala — yifosi empemvu, enqina limhlope lasemva ngasekunene, litye bile kakulu lilungile kwapela. Wovnzwa olufumeneye, ke ndincede.

LUKE NTATA

Esikobeni, St. Marks,  
9 April, 1888.

Ikaya Lendwendwe.

UJAMES MADALA uvule INDLU YEZI-PUNGO (Coffee Shop) e Malay Camp, eyazeka kakuhle kwabantsundu kuse Wesile kulapo abahambi abavela koma Bhayi, Pesheya kwe Nciba, e Natal, nase Lusutu bagazibuzza kona izihlobo zabo.

JAMES MADALA.

Kimberley.

KO TITSHALA.

KUFUNWA u Titshala we Sikolo sodidi Iwe Sitatu, kwa Maxongo, e Xalanga. Ofunayo maze abhalele (ngenqu ukuba kunokwenzeka) ku

C. J. LEVEY,  
Cala.

ISAZISO.

U B. B. KOTA wazisa wonke umzi ontsundu e Gqili, e Batenjini, e Hewu kuye kuma ngolwandle kwa Ngqika, ukuba oya kuvula i Kaya le Ndwendwe e Queens-town, ekuqaleni kuka May 1888. Izandla ke mzi wakowetu wakwa Hala, ningabi semva, izandla, izandla.—Owenu

B B KOTA.

Kimberley,  
15 March, 1888.

## I-FASHONI EZINTSHA, EZIVELA E YUROPE.

Ezamanenekazi i Fur Capes. Ezamanenekazi i Fur Dolman-ettes. I jersey ezintsha ziqalela kwi 3s 6d to 5s 11d.

Ezangapantsi ezilukiwyo, zi tshipu kakulu. Izitofu zelokwe zobusika ezitsha. Iflanelo ezenziwe ngoboya begusha Zase Afrika.

Izikafu, netyali. Into eninzi yezihlangu zamane- nekazi ezidla i 7s 6d ziyaku- tengiswa nge 5s 11d.

Zonke ezinye impabla zitshipu kanye kotenga ngemali.

W. O. CARTER Co.

MACLEAN SQUARE,

## Iveki.

IMOFU no mbendeni — zisate bembe ezonto kumandla wase Monti.

INDODANA engn Rennie, encedisa umbuti wemali yetola kumcancato we Nciba nsinde ekufeni ngazo ezintsuku zigqitileyo Uti ehlele apo emlanjeni, ati esahamba anyatele inunu enkulu, suka selizibjela inynka nomlenze kwa oko iwafake ama- zinyo esihlangwini pofu angafikeleli enyameni. Yeka ke ibe yimigu ukwanoootula, ide iwancotule inyubele yele engabeni. Kuvakala ukuba kubekusand' ukulunywainja kwakulondawo.

EMVA kokuhlaziya kwayo ivulwe ngo- lwesi-Ne olngqitileyo indlu yetyalike yaba- ntsondu base Wesile e Monti. Inconywa ubuhle. Ngumsebenzi owenziwa ngu Rev. S. Clark neramente, ofezwe ngapandle kwe- sikweliti. U Mr. Clark uvakalise usizi kuba engazikhulala e Monti ake eve uku- yola kokushumayela kwesosakiwo sihlazi- yiweyo. Kumane ukubako ingoma ye Kwayala epetwe ngu Mr. Caleb Mahluthsha- na obefudula eyititshala yalapa e Monti; yaye ingu Mr. J Bissekere esihlalweni. Lentlanganiso inconywa ukuyola.

EZOCINGO ngoboya zezokuba baninzi abatengi, pofu amaxabiso awavumi ukunyuka engehli kananjalo.

E JOHANNESBURG ngo-Mvulo ongapaya, knobonwe into engadli ngakubonwa,—Idi- ndala liquba elinye lilisa entolongweni, linxile liludaka.

KUMDLALO webhola pakati kwe Kapa ne Kimberley ngale igqitileyo n Fred Smith wenze isikora se 105 yedwa.

U MR. SAUER, M.L.A., unduluke ngobu suku bolwesi-Tatu olngqitileyo, ukuya e Aliwal North, ukuya kudibana nabanyuli ngezobona.

IGWANGQA e Dayimani, elingu Duncan Clinch, elaliligqira lempahla, ligengqwe butywala.

UMHLA wokubalula indoda abanga kunga- ya yona e Palamente abase Mbo, ngowe 15 May, e Kokstad. Kufuneka kutunyelwe nmntu omnye, ukuba kodwa agqitile kumntu omnye amadoda afuna etunyise kuya kuvotwa, ngosuku oluyakuxelwa, kumizi yonke yomantyi, lusuku oluya kuvakaliswa ngu Ndebani ngawo lowo mhlwa we 15 May. Kuyakuya e Palamente indoda efumene iqela elininzi labantu.

EMONTI siva ukuba kutsha nje intwazana ka Macdonald ite, kuvelwa kumdlalo wase ndle, yawa enqelweni yanayelwa umle- nze.— Kwakona intombi ka Mr. James Taylor iwe ehaheni yarmeka igxalaba.— Kwase Monti apo isand' ukuti iqubha elwandle intombi emhlope engu Troy itatyatwe liliza isinde emapofupofu.

Abapati baka lolive bacinga ngokusivala isitishi sase Highlands esipakati kwe Bini ne Qora.

E RINI kuko inene elihlala e Fort England elibulele amaramba alishami entsimini yalo ngeveki enye.

IQALE ukuteta izolo i Jaji e Bhayi. Lo- ngumzi wokugqibela kumjikelezo wayo.

UMFO ongu Matfield owadlwengula into mbi engu Louisa Delbridge, wayibulala akukova ukwenjalo, ugweyetele ukuxho- nyw yi Jaji e Mossel Bay. Ute noko ebelikanyela ityala wabuya walivuma.

IABISO le dayimani ezifunyenwe nge. nyanga engu March kutiwa liku £35,834. 2s.

SIVA ukuba inteto apa ayenze e Kimberley n Hon. Cecil Rhodes, M.L.A., ngemicimbi yeqela elimba i Dayimani angu Mongameli walo, iunyelwe e England ngoingco yadla £500.

KUKO umfo ontsundu e Johannesburg osuke wahlamba umzimba apo kukiwa kona amanzi okusela. Unikwe intsuku ezi 14 entolongweni, nekati ezi 25.

E JOHANNESBURG zitengiswa nge £2 itapi- le ezingityalo pofu.

NIJGOKUBA knobekuko uloyiko lokuba kazakumiswa irafu ezintsha, u Sir G. Sprigg ubhalele kwigqigula lamanene evenkile zase Kapa ukuba akusakumiswa zirafu zintsha.

UNDWENDWE lwe " Kaya " ngenyanga efileyo : —Messrs K. Ncapayi, Myimbana, Mr. Mrs 4 Miss Mzamba, Rev. Rubusana, Messrs Cafu, Maci, Sikumba, Ntabeni Magabela, Madlwana, Magna Thomas, Meya, Alfred Meli, Sidzumo, S. Govo, 8. Rwekwa- na, P. Rwekwana, S. Mtoba, W. Mjokozeli G. Wilson, C. Mahluthshana, D. Gudula, J. Gontshi, no Mule.

I BHILU lidliwe iponti £5 yi Mantyi yase Rafu ugokusuka liti amahashe ebeliwaba- mbile liwatumele kwisikiti esigama, siko

E ALVANI kuyalezwe yi Kauntsili kum- gcini wezitrata ukuba angayivumeli i Club yabantsundu balowomzi ukuba idlale ku- mhlaba we Cricket wakona.

U MR. RUSSEL umhloli zikolo omkolu wase Natal ubese Newcastle kwelo ebacha- zela ngendawo yengxokozelo esoloko ibo kulowomzi ngabantwana bama St. Helena abangeniswe esikolweni sakwa Rulumeni nabama Ngesi. Amanye Amangesi awaka- vutwa nangoku ukelonto, kangangokuba ateta ngakumisa esawo kubulala eso.

BICELA amhlo amawetu asenoboya anga angabutengisa ukuba adluliswe pezu kwe- saziso sika Mr. A. W. Reid, kwelanamhla. U Mr. Reid linene ngenene eliya kubenzela imfanelo ngapandle kwamatanda. Nifkile, mfufeni ukangele ezo zakwazi zide zamaca- ngci ze Marike.

UMBHEXESI wekali ongu Carl Aaronson, udluwe £50, okanye inyanga zontandatu, ngokunyatela intwazana abati ngu Boswell, kwindlela eza e Transvaal evela e Dayimani.

## IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-TATU, APRIL, 18, 1888.

KUKO iqela pakati

Umlomo

mzi elifuna ukuti loyikele ukungati umcimbi ka Tung'-umlomo ufun' ukuti utsho- nele ecepeni njengengulo, kuba kusuke kwati- cwaka ngokupatelele kuwo. Kaloku Intlanganiso ya Mahlelo Eliso Lomzi Ontsundu eya- yise Qonce apa ngo October, 1887, yagqiba kwelokuba kuti ukuba kuyafuneka, Umbhali wentlangani- so, alungiselele ukuba amabango abantsundu angafumananga kuka- ngelwa kakuhle zimantyi asi- we pambi kwe Jaji, ukuba zize zicacise umteto mayelana nawo. Indawo ezinganelisanga ngolunge- niso magama zezese Dikeni, Engqu- shwa, e Herschel, kwela Mamfengu nase Mbo. Umbali wa Mablelo ubete inteto zezindawo wazinikela kubateti be Jaji, ate wajingisa- na nabo ixesha eli apelileyo u February, wona esiti izibheno nga- lomcimbi ka Tung'-umlomo azina kwamkelwa zi Jaji ngomteto. Suka kuti xa sisakangela londawo, phofu singekancami, kuvele le " yengxo- wa " ka Mr. T. J. BOTHA we Mbu- mba ya Mabhulu yase Komani, eseyenzelwe usuku zi Jaji. Sine- temba ke ukuba namabango alemizi siyikankanyileyo aya kungena kwa- ngelotuba ekuxoxweni.

Ukutsho ke siti mawangafumane abe madolo - atambileyo amawetu awayezimisele ukumhlwa u Tung'-umlomo, engekapeli nezigqibo zomzi mayelana naye zingekahanjiswa ngokuzalisekileyo. Kumaxa ziwi- leyo izigwebo zamatyala amakulu, oyakuti umzi uviswe, ulaule into emakwenziwe yona kwinto enje- ngokuwela ekwakugqitye kuyo. Siti ke abantu mabangabi nabupha- kuphaku kulomcimbi, baxele abantu abebengati bebesukela isanga, um- hlaimbi izinja ezidungedeliswe yi mpungutye. Kulungile ukuba iti into ebiiylwe emini nase kuqondeni ipelele emini nase ngqondweni. Yimbi into iyakubanga ukuba sibona nakale njengamahlilili. Siseko ke asinakuyivumela into ukuba ifumane

KOKHONA kuvaka-

Unyulo

liswiweyo ukuba, Unyulo lommeli e Palamente womandla abati yi East Griqualand, owonganyelwe ngu Mr. W. E. STANFORD (UNDABENI), luya kuba ngolwesi-Ne, ngo 15 May lo. Usuku lwe 24 April olwaka lwaka- nkanywa genx' engapambili Iwa- lubhekiselele kumandla ka MEJA kwapela. Amadoda apambi komzi kumandla ka MEJA, aselesaziwa nguye wonke, ngo Colonel GRIFFITH no Mr. HENRY CLOETE. Seke saza- neka imvo zomzi wakowetu mayelana nawo lamanene. Sati kwaba Rulumeni babini basusanayo umzi ontsundu awunakuba nayimbi into ngapandle kweyokuxhasa lo ka Sir THOMAS SCANLEN, ayakuncedisa kuye u Col. GRIFGITH Ngokwe- njenjalo usixhase igama nje, kodwa sixhasa ubulungisa kubo bonke.

Amadoda apambi komzi kumandla ka Mantyi Omkulu, UNDABENI, ngo Mr. W. M. MORRIS no Mr. ZEITSMAN no Mr.: SIVEWRIGHT inene lase Kapa. U Mr. MORRIS ngoya kuxhasa u Rulumeni wo Mr. SAURR no Sir THOMAS SCANLEN : u Mr. ZIETSMAN kude kube yile mini nje asizami oyena Rulumeni ayakumisa inyawo kuye, ngati uyintloka yayo yombini, indawo ke leyo emenza ukuba atandabuzeke. U Mr. SIVE- WRIGHT yena ungowe Mbumba ya Mabhulu akafihli, ungumxhasi wayo, ukufundiswa kwabantsundu ukucha- sile, waye okwangoku engumxhasi wezenzo zika Sir G. SPRIGG kuma- wetu. Indawo ezakulanyulwa nga- bavoti namhla yeyokuba yiypina kulamadoda matatu, amabala siwa- chazileyo ngokufutshane anga inga- yakuwamela kuleyo nkundla idala imiteto yalo lonke eli?

Umzi mawulumkele ukwenza into yobuntwana kulento inkulu kunene

yonyulo. Maungalahlekiswa yinku- nkuma yokuba ubani esiti mna ndiyakwenza lento naleya ube sewuyamkela lonto ngokwetole le ntaka lisamkela umfunzelo. Umntu omnye akanakwenza into ayitanda- yo kwinkundla enjengeye Palamente, emadoda aku 74. Yaye nente- to ecikozayo ingandule ibehle iqondwe zintloko zonke. Kunjalo nje le Mbumba ya Mabhulu luqili- ma olukolo ukubhebheta yonke into elilungelo lika Kafile. Nokuba selusiti " ya baas" likubeta i Bhulu, lonto ayisakunceda ; anjalo awetu amava Ngoko ke siti umzi mawu- ngavumi ukunikwa intloko yembila zimfama entweni zalombuso sikuwo ngoku, eziti xa ama Bhulu amaninzi masesikota utuli lwenyuwo zawo, ngokunyula amalungu ati makunyulwe wona, kuba kungeko lusizo kwicala elingomeleleyo. Lemfu- ndiso ikukulahlakisa okuya kubanga ukuba zideleke ingqondwana zetu emehlweni Amabhulu ngokwawo nakubantu bonke abasebenzisa uku- qonda. Ukuba tina besise Mbo besiyakuti wonke umzi ontsundu mawuncedise ngevoti zawo ukutu- mela u Mr. MORRIS e Palamente. Ukuyifaka komnye umntu ivoti yawo kukwenza into yobudenge kupela.

Amadodana K W L E V E K

I

Tywala. egqitileyo, silinge ukwalata uko n a k a l a okwenziwa butywala kumzi wakowetu. Situlule isililo ngokubona ukuba ingozi yotwala ubonakala ungayaza- lelele umhlambi omtsha, ungati awazi ukuba akuyi lubuyayo etywa- leni mayelana nesimilo Saza ke senza umtyangampo ngoquqabana oluqalileyo ukuyihamba lendlela yosizi,—yamajacu,—yamaxelegu,—yezibhakala,—neyokufa kwelipaka- de nakwelizayo, ibutywala, ngaku- mbi obomlungu. Sigqibe kweloku- ti umzi maudibane ngentloko uvelise icebo lokusindisa isizukulwana esi- zayo, kubundlavini esiyakuhlala kubo xa siyakuti sifumane isivuno sotywala esisihlwayelayo ngoku.

Sibuyee sayiqwalasela, njengokuba sisaya kuyiqwalasela futi-futi lento yegwele lotywala alifakileyo UMO- NAKALISI kumgubo olulutsha lwa- kwowetu. Okwangoku , sibona into ezimbini emalukaulezelwe ngazo ulutsha. Makujokiswe kuqala kulamitandazo yatu- nyelwayo nyakenye e Palamente itandaza ukuba zivalwe inkanti, bungatengiswa kwabe bala letu obu buti bo Mlungu. Yimitandazo ye nzondelelo, kwi Palamente zemi nyaka ngeminyaka, evula indlebe namehlo alomzi sipakati kwawo, into eyobonisa ukuba siyanyanisa. Lonto lisoko lalombuso, mayelana nemiteto nento zonke ongakolwayo zizo umzi, ukuba ujojike, ngolo mhlolokazi wesi Bhalo ujojike, ngokutandaza, yoda nayo i Palamente iqonde ukuba intloko yayo iya kuqekeka ukuba ayisifezi isicelo. Ngati namhla umzi awu ngezi tomakalalisi ngesicelo esinye, oya kuti wonke ufake kuso amagama njengesanyakenye. Kube kunga lungayo ukuba siti isixeko eso situmele ipepa lomtandazo nama gama aso. Ingade ibe yinkatazo ke nina ukungena kwemitandazo emininzi enjalo, ngento enye. Elicebo silishiya kubafundisi bo- blanga, nakumadoda azintloko, nanamehlo emizi ngemizi ukuba alihambise.

Into yesibini, makuti kusenziwa, kube kungayekiwe ukutetwa nolutsha, ngabazali, nangumzi, ukulubonisa ukuba lwenze konke olunoko ukuzilumla, lungekafiki kumabanga okuba luncanywe ngo- kwalamanxila edolophu, kulombele wale tyefu. Ititshala eziselayo zona mazingake zigcinwe nomzuzwana lo. kwakamsinyane ifumanisekile ukuba iyasela, kuba intsapo ikolisa ngokusizekela kuti- tshala isimilo; baye abazali bengena- kuyimela into yokuba abantwana babo bafundiswe izimilo ezidlabbu- kileyo. Intlanganiso zododana olu- zama isimilo, ezinjengezo kutiwa kwabamhlope zi " Young Men's Christian Association," mabangazi- mateli abafundisi ukuze kudaleke ubukolwane kumadodana azama isimilo. Asingi singazenza nde ezi nteko kuba singa zingaleswenji zic- ingwe ngabo bonke abazibonayo. Soka siyeke apo namhla.

## Amanqaku.

UMBONISO wempahla nezilimo e Cala, ngo 6 April, uvakala ukuba wawu mkulu. Intlobo zezinto ezazidwilelwe ngabantsundu zazi 700, eza Mangeni 500. Kweyama wetu kunconywa ubuhle benkomo nempahla emfutshane, ekwaye kuko kuyo inkunzi entle yegusha. Ihangu ebiko yengaqele kubonwa ngobu kulu. Ukudla bekukuninzi, engekuba bekukuhle, kodwa isipako esipaulweyo mayelana nako sesokuba, akucokiseke kakuhle. Ukuba amawetu akakuqwalasele ukubhula ngomashini, kusala kwawo emanani emisito. Siyiya siyivile into yokunga cokiseki kokudla kwama wetu. Yimbi into evakalayo yimisebenzi etungivveyo yamaleli antsundu, atike evete kakuhle, eze kuyibonakalisa. Silusizi kuba zingacalulwa izinto ezitu- ngwe ziledi, kuba kudla ngokuti kunconywa ubugcisa ekutungeni nase kusikeni kwama ledi nje, kanti kunconywa mayelana nobu qwequwuka bempahla yama nkazana kwapela ; ngokupatelele ekutu- ngweni kweyamadoda, akuko nofifi. Ifike lento yokungafundiswa kwentombi ukutunga impahla yendoda, iyidalele indleko indoda etshatileyo—engeyungeko. Imfundiso yama ntombazana ukutunga ezikolweni siyibona siyibonile, iyinko- hliso yokotiwa kwexesha lentombi enge zise makaya zipeka.

IMBONISO iya funeka yona kunene pakati kwama wetu Ukuze ibe noncedo ngesisiti isitili sahlule katatu nakane, ibe lelo ibala libe no Mboniso walo okwa ngoku, ukuze kudyaerelane abantu bebala elilingeneyo, kuzo kuvela inkutalo. Mayi qale imboniso ngento esezilinywa, kuni- kwe amabhaso kwaba zilime kakuhle. Aze amabhaso abekwe nakwezinye izinto ezingekala linywa, ezinokulinywa kodwa kweli. Kona ukuba abantu abantsundu babekwe kumnyadala wa Mangesi, ze kulindlele ukuba bafumane inkatazo noko, kukulindlela ukuba ihashe lipume impondo. Singavuya zisanda i Show, amadoda akwelezelane ngento zenkulato.

ELINYE lamapapa ase Bhayi i Telegraph lenenje ukuteta ngesiqamo sika Tungu- mlomo: —Sinenkolo ukuba u Tungumlo- mo ubelihlunguza elikulu nento ehlise umzimba kwi mbumba ya Mabhulu. Okuvela kulomteto akunakutsho ukuba kuyincediswa kuyapi imbumba yeye. Siyivela ukuba kumandla wase Qonce ngabantsundu abaninzi evotini; bafikile kwi 1.200 abasencwadini yabanoku- pendula kwinto zombuso, kuba impi emhlope ingazikatazanga ngokuwangeni- sa awayo amagama. Sesi ke isiqamo,— ukuba u Mr. Tengo-Jabau ubeyakuti avume ukuba atunyelwe e Palamente ngetuba lokuqala elingati libele, ube- ngati mhlambe abenokuya. Lento, ukwe- nene, yinto ebingalindelakayo ukuba ihle, kufaneleke le ukuba abo bamele imfa- nelo zabantsundu bazi apo basebenzela kona. Asikolwa ukuba baninzi kubameli bemfanelo zabantsundu abangotuswayo kukubona exesheni abantsundu be- nyula abantu bebala labo, siyatena ba kodwa ukuba elibalala alisakutatya pambi kwexesha, kodwa boti abantsundu baxolele ukumelwa ngabamhlope aba- nokubatelela. Siginisekile ukuba kuya- kukolisa ngokubanjalo."

SINGA singenza elichapaza mayelana nalenketo, ukuba amawetu akate nqa kakulu libala lommeli e Palamente. Ixesha eli lonke ebe anele kulwela nga- manene amhlope, ate ukuvakalisa imvo zawo ngento ezipatelele kuti kwanga kutetatina nezezi. Eseko amadodaolu- hlobo kwabamhlope asiboni ukuba anga- de amawetu anxhamele ukutumela umntu ngenxa eyabala lake ukuba mnyama. Into kodwa yakubanga ukuba kude kube njalo yimpato egadalala engeyiyi eyobulungisa nemfanelo.

## Impawana.

Umhlambi oke wase zikuleni ezikulu ukuqelile ukuya kusitwala kunika impilo ubutyebi nobulumko, ukulala msinya apangele ukuvuka umntu. Lento u Dr. Kaufman, isilumko esidumileyo sase Germany, sona sili kukulala kade avuke kade umntu okunika ezonto, kwanobom obude. Oku ukufumene ngokugqala abantu abafikelelayo kwiminyaka enga- mashumi asixenxe nasibhozo, afumane ukuba abaninzi abafike kuleminyaka ngabebekolisa ngokulala emva kwenzulu yobusuku bavuke selihambile imini. U Professor Blackie yena uti inqobo kukuba umntu afumane ixesha elane- leyo lokulala akukatalelekele nokdaba ulala avuke ninina.

U Mr. Schermbroker, no Mr. De Wet, amanene la apete no Sir G. Sprigg, baka banenteto abazenze e Robertson ngento zombuso, ezite noko azabi nanteto zibalul- leke ngayo ngapandle kokuba benze isililo sokuba onke amapepa endaba ase Koloni, ngapandle kwamapepa amabini i Watchman ne Zuid Afrikaan, amcha- sile u Rulumeni ka Sir G. Sprigg; kukuba engakungangena u Rulumeni wo Sir T Scanlen no Mr. Sauer.

Umbhaleli ose Ngwenkela ngase Qumra ubalisa uti intwana eyindaba tina apa yinkomo ezele inkonyana engenamsila ngokwembila. Kunjalo nje ayisililo netokazi ingelilo neduma. Ya- ba yinqaba ukupuma kumina, yada yalingwa ngokusikwa isepakati, havi, akwancedwa nto. Wada unina wanqu- nyulwa.

Sinelizwi linye, ngokupatelele kwinto enye yentlanganiso yo Manyano nge Mfundo ebise Lovedale, engxelo ibona- kele kwelipepa, ngeveki igqitileyo. Ku- ngendawo yokusebenzisa u h endaweni yeqonqa kumagama anendiri ekute- tveni kwawo. Lentlanganiso igqibe kwelokuba kubahlelele Umhleli we Mvo ukuba alifune iqonqa, ayateta nto nge- mali yokufulwa kwalo. Ukuba ayizulu- mkeli i N. E. A. iziqqibo zayo, ngati iyakubanga ukuba ibekapikapu. Eli qonqa lesiqqibo ngeqonqa ngingavuvu- yvelwanga xa intlanganiso ibingayi- kahgelanga indawo yemali, kuba siyakuti tina ipendula into engayaziyo nokuba itwanama ukuhanjiswa. Bekulungile ukuba ibifike yawatenga amaqonqa lawo yawenza isipo kwi Mvo. Ne sutor &c.

Samkele lenteto :—Falconer, Ngcwazi, 13 April, 1888.—Nkosi, Mhleli wepepa lamanene, kaundfakela lemigcane imba- lwa kwelopepa lako, kuko into embi ngoku eziramenti zetu bantsundu, kuti ukuba kuhle lsono kumntu ozalana no Mkokeli ifihlwe lonto. Ukutsho ke kuke kwati kufupi nje kwehla into enjalo yamalunga nomfazi wendodana etile nom- ninawe wo Mkokeli, into ke leyo eyati nokh seloyitilile umninio yagqululwa yafihlwa kwapela nanamhla, wati noti uyabuzwa kwakuba kwaliwa naye. Si- bheke ngalipina icala, sifunde yipina indlela? Kanjalo sifundiseni kuba tina sizidenge, kuba asazi ukuba Elizweni kuko ukuketa onantsi, nabala, nabukulu, nawonga, nampakamo, naludumo, siba tina akunjalo. Asazi ke kambe kuba asizange sicela ukwaziswa. Ndide nda- gqita ukuteta, mandiyeye ngombuliso. —Ndim—J. K. B. L.

Lenewadi evela kumbhaleli ose Fort Beaufort ebbhalwe ngo 14 April, mayizi- tetele: —"Manditi ngokufutshane kute ngo 21 February kwafika umkangeli wezikolo kwesika Miss M. A. Radas— Tini's Location. Luviwe ke usapo ngu- mkangeli, nakuba inkoliso yabantwana yayingekho, kuba eloxesha afike ngalo Umkangeli babesifa yimasisi. Inani ke elaliko ngalomini yayingamashumi ama- tatu anyane. Lute ke lwakutiwa usapo lwapumelela ngokuncomekayo kakulu wakolikesa kanye Umkangeli. Kute ngokufutshane emva kokuba edlule Umkangeli watumela u Mr. Wesley Wilson, kwajoywa sake sateta ngaye kulonyaka ugqitileyo ngomsebenzi wakupa abahatwa- na amabhaso. Wati ku Miss Radas kutaba onke amagama osapo olupumele- leyo. Yenenjalo ke i teacher yawatumela. Kute kwi class yokuqala yabahlantu aba- ncomekayo apiwa ilokwe amantombazana amakwenkwe apiwa ihempe. Kweyesi- bini yakwabahlantu, ate amabhaso kwana neyokuqala. Kute kwesiyatata babatatu bapiba amabhaso efaskoti. Kute kwe- yesine yabatandata bapiba kwa ifaskoti intombi zane ati amakwenkwe apiwa ihempe namhlanje amabhaso angapazulu kwalonkaya ugqitileyo u Mr. Wilson imbulela kakulu yanga inkosi ingamka- ngela loko msebenzi wokunyusa uhlanga oluntsundu. Kubonakala ukuba usapo lukutazeke kakulu ngala mabhaso ka Mr. Wilson. Siya kumbula ngamaxesha angapambili ukuba esisikolo sakwa Tini sase sifile, kodwa ngoku sivuke ngoku ngummangaliso. Kude kwako neqela labantwana barna Bhulu abanganyayo. Mandiqoshelise ngeliti, pambili ntokazi ka Radas, nase Tamara wenza ukanyo- kazi oluluku. Yanga i Nkosi inga ku- gcina. Ibisiti ingwevu yase Tamara xa imbongayo: Ngxatsho, xalagaxaki lika Radasi, Pondo lwe ndlovu, mti ya Nciba. Mangelengele elidla isemwane waphesha kwalandele Bayayposisa ukuti, ngumga- mnuzi.

Sapants' ukuteta siti, yinkazana, kanti yindodana. Nchita yenchitakazi, ozandla zihle, Onto ipuma ngenzipo.

Mandiyeye, ndingowako futi umhlobo. —V. B.

## QUEENSTOWN.

[IVELA KUMBHALELI.]

EYONA NDLAVINI.

15 April.

Kwinkonzo yangokuhlwa nge Sabata kweziveki zigqitileyo, u Dwebile ufekete kakubi wapazamisa, uphose ilitye e Tyalikeni yonakala inkonzo. Kute emva kwentshumayelo emmandi kunene, nxa atyila iculo lomqumbulelo—kanti ngase- mva paya kuko indlavini yomfana ete ngokugqitywa yile "bharassa" yasuka yarheda incokola seyingsazi apo ikona. Ekulalinyeni oko umfundisi uvile wabuzwa kwindlavini leyo ukuba "Ufuzisanina ukwenjenje oku?" Wanga uyinyatela emsileni umfundisi sabuya naye isikuni suka lomfana watuka apa kakubi epata kushumayeza (kuba anjalo amatyendvana afundileyo) yayinkhola, waselayinqumle- la inkonzo umfundisi bapuma abantu kwasilanka igelana lamadoda okuteta ndlavini leyo. Kusile sive ukuba ipuluke ezandleni indlavini kwa oko yacela kanobom koxhongo abengati tip- tip yabashiya kwapela. Londlavini ngu mtana apa omehlo abomvu kujonga umpanda, wase Qoodola owakawabenge ngezwa kulomhlathi, oku kwenzeka kwi Tyalike yase Wesile yabantsundu.

AMAGQWIRA.

